Isalathiso: 20171025-6167
12/14/2
Imibuzo: Abaququzeleli be*RCL* beZithili

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko: 0005/2017

Iya: KuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG*, kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli bee-*RCLs*, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente ezineBakala 8 ukubheka phezulu, kumaBhunga oLawulo, kooTitshala abangamaGosa oQhagamshelwano (*Teacher Liaison Officers)* nakooSihlalo bee-*RCLs*

Isihloko: Ukunyulwa kwamabhunga amele abafundi ukulungiselela u-2018

1. Isiqendu 11(1) soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (uMthetho 84 ka-1996) sicacisa ukuba ibhunga elimele abafundi (*RCL)* malisekwe kwisikolo sikarhulumente ngasinye esibhalisa abafundi kwiBakala 8 ukubheka phezulu.

2. Ziyacelwa iinqununu ziqinisekise ukuba unyulo lwe-*RCL* luyaqhubeka.

3. I-*RCL* ngumthathi-nxaxheba obalulekileyo ekuphuculweni komgangatho wokufundisa nokufunda ezikolweni. Amagosa azii-*Teacher liaison officers (TLOs)* ke ngoko, makaqinisekise ukuba ayancedisa ekuphuhliseni izakhono zamalungu e-*RCL* ngamaphulo oqeqesho lobunkokheli angqinelana neeprogram zophuhliso lwezakhono zolutsha.

4. Ukunyulwa kwe-*RCLs* ngo-2017 makuqhubeke phakathi kwe-01 Novemba 2017 nowe-31 Januwari 2018, ukuqinisekisa ukuba ii-*RCLs* ziqalisa ukusebenza kwasekuqaleni ngo-2018.

4.1 Ukuqeqeshwa kweeRCLs ezisanda kunyulwa kuya kuqala nge-01 Febhuwari 2018.

4.2 Ziyacelwa izikolo zizalise isiHlomelo A kwifayili ye-*RCL* zize ziyingenise kubaququzeleli bee-*RCLs* zezithili abachaphazelekayo.

5. **Ukuxabiseka *(status)* kweRCL**

5.1 Isiqendu 11(1) se*SASA* sicacisa phakathi kwezinye izinto, ukuba "*...ibhunga lolawulo elilolu hlobo kuphela kwebhunga elaziwayo nelisemthethweni labafundi kweso sikolo.*"

5.2 Ngokungqinelana nesiqendu 16A(1)(a) soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*SASA)*, esingqinelana nemigqaliselo yokulawula komthetho, inqununu mayiqinisekise ukuba akukho zitraktsha zizezinye — kubandakanywa nenkqubo yeeprifekthi, sisetyenziselwa ukuphanga igunya elisemthethweni lokuxabiseka kwee-*RCLs*.

5.3 Ngoko ke kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuba iphotifoliyo ye-*TLO* inikwa utitshala oneqhuzu oluthanda ngokumandla uphuhliso lwezakhono zolutsha, yaye kukhethwa ukuba abe kwinqanaba lesekela-nqununu.

5.4 Nasiphi na isikolo esingenayo i-*RCL* eyaziwayo njengestraktsha sikarhulumente esisemthethweni sabafundi, uya kuba wophula uMthetho we-*SASA*.

6. **Ikomiti yonyulo yesikolo**

6.1 Makusekwe ikomiti yonyulo yesikolo ukuqinisekisa ukwenziwa kwamalungiselelo kwasekuqaleni ukulungiselela unyulo lwe-*RCL* oluyimpumelelo.

6.2 Ziyakhuthazwa iikomiti zonyulo zezikolo ukuba zenze izicwangciso zazo zokugaya inkxaso nokukhuthaza abafundi bathathe inxaxheba kunyulo nokuqinisekisa ukuba kunyulwa abagqatswa abafanelekileyo.

6.3 Izicwangciso zokugaya inkxaso ekubhekiswa kuzo ku-6.2 apha ngentla mazibandakanye ukuhanjiswa kweekhrayitheriya zokukhethwa kwamalungu angabafundi afanelekileyo.

7. Iinqununu mazikuqinisekise ukuthotyelwa kwemigaqo ye*SASA*, ngamalungu amabini e-*RCL* anyulelwa ukungena kwibhunga lolawulo ukususela nge-01 Matshi 2018.

8. **Emva kokunyulwa kwe*RCL* entsha**

8.1 I-*RCL* esanda kunyulwa mayifumane uqeqesho loqheliso-msebenzi (*induction process*) oluya kuququzelelwa ngumququzeleli we-*RCL* wesithili njengenxalenye yenkqubo yokuxhobisa abafundi.

8.2 Iinqununu maziqinisekise ukuba inkqubo yokunikezelwa kweentambo zolawulo iyalandelwa.

8.3 Ziyakhuthazwa iinqununu zenze amalungiselelo amatheko okwamkela amalungu ezikhundleni. Oku kunokwenziwa ngeendlela ezininzi, umzekelo kwiindibano zabafundi (*assembly)* okanye kumatheko akhethekileyo ekukho kuwo nabazali njl.njl. Ziyakhuthazwa izikolo ngokumandla ukuba zithathe inxaxheba kwimisebenzi yokwamkelwa kwamalungu ezikhundleni eququzelelwe zizithili njengoko oku ikukukhuthaza intsebenziswano phakathi kwabafundi.

8.4 Ziyakhuthazwa ii-*TLOs* ukuba ziziqeqeshe ii-*RCLs* ukwenzela ukuvelisa iiprogram ezingqinelana nombono neenjongo eziphambili (*vision and mission*) zezikolo zazo. Amaxwebhu afana nala: *Bill of Responsibilities for the youth of South Africa*, *Values in Action: A Manual in Constitutional Values and School Governance for for School Governing Bodies and Representative Councils of Learners in South African Public Schools*, *Guidelines for the Implementation of Peer Programmes for Learners in South African Schools*, njl. njl. anokusetyenziselwa ukuphucula izakhono zamalungu e*RCLs*.

8.5 Apha kuqhotyoshelwe iikopi zamaxwebhu akhankanywe ku-8.4 ukulungiselela wena. Akulindelekanga ukuba isikolo senzele bonke abafundi abakwi-*RCL* iikopi.

9. Ukuba izikolo zinemibuzo emalunga nonyulo lwe-*RCL*, zinokuqhagamshelana nabaququzeleli be-*RCLs* bezithili abadweliswe apha ngezantsi:

Isithili	**UMququzeleli weRCL**	**i-eMail**	**Inombolo yefoni**
Metro North	Mr David Leonard	David.Leonard@westerncape.gov.za	021 938 3170
Metro Central	Ms Anusha Naidoo	Anusha.naidoo@westerncape.gov.za	021 514 6716
Metro South	Mr Reginald Dreyer	Reginald.Dreyer@westerncape.gov.za	021- 374 4107
Metro East	Ms Mary-Joan Swartz	Mary.Swartz@westerncape.gov.za	021 900 7253
West Coast	Mr Tommy Loriston	Tommy.Loriston@westerncape.gov.za	021 860 1554
Cape Winelands	Mr Fred Josias	Fred.Josias@westerncape.gov.za	023 348 4652
Overberg	Mr Kobus Mike	Kobus.Mike@westerncape.gov.za	028 214 7366
Eden & Central Karoo	Ms Sinovuyo Stofile	Sinovuyo.Stofile@westerncape.gov.za	044 803 8377

10. Xa kunyulwa i-*RCL*, umququzeleli we-*RCL* wesithili makazise iCandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwaMaziko ngesiphumo soko. Yena makayigqithisele le listi neenkcukacha kumalungu e-*RCL* amatsha ukwenzela isikolo ngasinye kuMnu. Sira Nkundla kule imeyili sira.nkundla@westerncape.gov.za.

11. Kucelwa iinqununu namabhunga olawulo ukuba abhajethele ukuphuhliswa kwezakhono zamalungu ee-*RCLs* azo ngakumbi uphuhliso lolutsha ngokubanzi.

12. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- BK SCHREUDER
UMLAWULI OYINTLOKO WESEBE LEMFUNDO KWINTSHONA KOLONI
UMHLA: 2017-11-11